

ISICWANGCISO SESIFUNDO: IBANGA –12

UMHLA..... .UKUYA.....		IBANGA 12		ULWIMI LWASEKHAYA			
UMXHOLO: UKUPHONONONGA ISIBONGO SOMTHONYAMA – AH! ZILIMBOLA							
UNXULUMANISO NEZINYE IZIFUNDO: EZELIZWE KUNYE NEZEMPILO NOKUSINGQONGILEYO							
IMISE BENZ I	AMAX ESHA	PF	GH	UMONGO IMIXHOLO NEMISEBENZI			UKUHLOLWA IMVELISO
				INKQUBO YOKUFUNDA NOKUFUNDISA			
				INXAXHEBA KATITSHALA	INXAXHEBA YABAFUNDI	XXFF	
01	IYURE 02	PF2	GH4.7. cazulula indlela ukhetho- magama, imifanekiso-ntelekelelo kunye nezixhobo zesandi eziyiphembelela ngayo imo yomphefumlo wembongi, intsingiselo kunye nomxholo.	<p>Ufundela abafundi ngokuvakalayo umbongo othi A! Zilimbola ngokubhalwa ngu M. Mbambo. Uyalela abafundi ukuba nabo batshintshane ngokufunda njengaye.</p> <p>Uyalela abafundi ukuba baqwalasele umfanekiso oxhonyiweyo wembongi yomthonyama, baze basebenzise isikhokhelo seempawu emabaziqwalasele :</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>➤ Isinxibo</li> </ul>	<p>Baphulaphule xa utishala efunda, ze nabo batshintshane ngokufunda umbongo</p> <p>Baqwalasela, belolonga umfanekiso wembongi oxhonyiweyo.</p> <p>Bathelekisa isibongo somthonyama nemibongo eqhelekileyo.</p> <p>Bochonge imifanekiso ntelekelelo, bejonga nomoya wembongi.</p> <p>Mabaqwalasele umahluko phakathi kwesibongo nombongo.</p>	<p>lincwadi zemibongo</p> <p>Umfanekiso wembongi yomthonyama</p>	

IMISE BENZ I	AMAX ESHA	PF	GH	INXAXHEBA KATITSHALA	INXAXHEBA YABAFUNDI	XXFF	UKUHLOLA IMVELISO
				<ul style="list-style-type: none"> <li>➤ Zinto zini eziphathwa zezi mbongi xa zibonga. Zivuselela ntoni?</li> <li>➤ Zibonga ntoni?</li> </ul>	<p>Baphendula imibuzo bengamaqela. Baxoxa ngezimvo zabo.</p> <p>Bajonga isiqalo sesibongo nesiphelo saso.</p>	Imibuzo katitshala	
			<p><b>GH4.8.</b> chaza indlela umqolo kunye nokwakheka kwezitanza, imvano-siphelo, isingqisho kunye nokusebenzisa iziphumlisi, okuyiphembelela ngayo intsingiselo.</p>	<p><b>IIMPAWU ZESIBONGO</b></p> <p>Wahlula abafundi ngokwamaqela amathandathu (alingene inani lezitanza), aze abayalele ukuba ilelo iqela liqwalasele amanqanaba okuhlalutywa kwesibongo lhlalutya istanza esinye lisebenzisa esi sikhokhelo silandelayo:</p>	<p>Bengamaqela, baqwalasela ukwakheka kwemiqolo kwizitanza zabo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>- imvano siphelo</li> <li>- isingqisho</li> <li>- nempembelelo yentsingiselo.</li> </ul>	Uxwebhu lwemibuzo yokusebenza (Worksheet) – kuhlalutywa umbongo	Utitshala uhlola amaqela esebenzisa imibuzo yoxwebhu lokusebenza (work-sheet)

				<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukushwankathela, benika inkcazelo nentsingiselo yomqolo ngamnye ngawabo amazwi</li> <li>• Ukujonga umyalezo odluliswa yimbongi: umz: <ul style="list-style-type: none"> <li>- ukukhuthaza</li> <li>- ukuncoma</li> </ul> </li> <li>• Isakhiwo: <ul style="list-style-type: none"> <li>- imbongi izama ukuphuhlisa ntoni?</li> <li>- Ukuqhizwa kwentsingiselo yezivakalisi</li> <li>- Izafobe, nezaci namaqhalo athe asetyenziswa</li> <li>- Izithethantonye</li> </ul> </li> </ul>	<p>Bachonga izafobe ezisetyenzisiweyo bachaze ukuba ziwuphuhlisa njani na umxholo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imfanozandi: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Choko-choko elimabalabala..... (10)</li> <li>- Yinkcalankcala ..... (16)</li> </ul> </li> <li>• Isikweko: <ul style="list-style-type: none"> <li>Yinkcalankcala ..... (16) <ul style="list-style-type: none"> <li>- Yingqawa engqawela abantu .....(35)</li> <li>- Nkunuz'egweba ngomthetho enkundleni....(42)</li> </ul> </li> </ul> </li> <li>• Uphindaphindo lwamagama <ul style="list-style-type: none"> <li>- Choko-choko elimabalabala..... (10)</li> </ul> </li> </ul>	<p>Isichazi magama</p> <p>lincwadi ezingumthombo :</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>- izaci namaqhalo</li> <li>- Uphengululo LwesiXhosa</li> </ul> <p>Neminye imithombo</p>	<p><b>IMVELISO:</b> Abafundi bayazazi iimpawu ezahlula isibongo. kumbongo, kwaye bayakwazi ukusebenzisa izikrweqe zohlalutyo ukuwuhlalutya umbongo.</p>
--	--	--	--	---	---	---	---

				<ul style="list-style-type: none"> <li>- Isiqalo sesitanga ngasinye</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>- Rhanga-rhanga....(65)</li> <li>- Mhleka'uthethile, Mhleka'uthethile ...(60)</li> <li>• Ukusetyenziswa kwesigama</li> <li>- Intshwembenxa zamagama ..... (19)</li> <li>- Nkalatya yephakathi ....(32)</li> <li>-Tshotsho unxonxothele emfundweni .....(40)</li> </ul>		
--	--	--	--	--	---	--	--

					<i>(linkcukacha ezongezelelekileyo ekuhlalutyeni esi sibongo, Jonga ngasemva kwesi sicwangciso)</i>		<b>IMVELISO:</b> <b>Abafundi bayazazi iimpawu zesibongo.</b> <b>Bazifumene kwaye bayazazi izikrweqe ezisetyenziswa yo xa zokuhlalutywa isihobe.</b>
		<b>PF3</b>	<b>GH2.3. chonga aze asebenzise ngokufanelekileyo uluhlu olubanzi lwezixhobo ezibonisa isimbo, nezixhobo</b>	<b>Uyalela abafundi ukuba basebenzise olu lwazi balufumeneyo kwesi sifundo ngeempawu zesibongo kunye neentlobo-ntlobo zezikrweqe zohlalutyo babhale ezabo izibongo.</b>	<b>Babhala izibongo zabo, besebenzisa itsheklisi katitshala njengesikhokhelo.</b>	<b>lincwadi zabafundi zokubhalela</b>  <b>I itsheklisi katitshala</b>	<b>Abafundi bahlolwa ngutitshala</b>

			ezidlwengula umxhelo njengolwimi oluzekelisayo, uchongo-magama Inkcazelo ecacileyo, iimbono kunye nesimbo sakhe, ithowuni, imiqondiso, umbala, indlela izinto ezithile ezilungelelaniswe ngayo, kunye nesandi.	Unika abafundi itsheklisi azakuyisebenzisa xa ehlola ezo zibongo baza kuzibhala.			esebenzisa itsheklisi  <b>IMVELISO:</b> Abafundi bayakwazi ukuphalaza izimvo zabo ngokubhala ezabo izibongo

**AMATHUBA AWONGEZELELWEYO:**

- ❖ Abafundi baqhubeleka phambili ngokuhlalutya ezinye izibongo ezikuluhlu lwebanga labo, besebenzisa isikhokhelo abasifumeneyo kwesi sifundo.
- ❖ Bayaqhubeleka abafundi ngokudandalazisa izimvo kunye neemvakalelo zobo ngemiba ebangqongileyo yemihla ngemihla ngokubhala izibongo ezisemgangathweni nezidlwengula umxhelo.

**Baqwalasela amanqanaba okuhlalutywa kwesibongo.**

- **Bachonga isigama esibonakalisa ukuba liqhayiya ukuzalwa komntwana oyinkwenkwe:**
- **ulithemba apha ekhayeni**

**ekwayinkosi ngokulawula**